PALPRAC
The Association of Palliative Care Practitioners SA
215-486 NPO
930068846 PBO
info@palprac.org
www.palprac.org

IINTSOMI (IIMBONO EZINGEYONYANI) MALUNGA NE MORPHINE

Yintoni I-Morphine?
Sisithomalalisi sentlungu esenziwengesityalo I-opium poppy. Isetyenziselwa ukuncedaabantu abanentlungu, ezinje ngezi zibakhonaemva kotyando okanye ezivela kwisifosomhlaza.

I-Morphine kunye nezinye izithomalalisi zentlungu zinceda abantu abane ntlungu ezingekho nzima nezinzima, ngenxa yezifo ezifana nesifo somhlaza.Ngamanye amaxesha nokuba uva kunzimaukuphefumla, umlinganiselo omncinci we morphine unganceda. Xa isetyenziswa ngokuchanekileyo, ngoncedo lika gqirha okanye umongikazi, I-morphine ilungile ngokwenene ekuthomalaliseni intlungu kwaye ikhuselekile. Ukusetyenziswa ngokuchanekileyo kwe morphine kuthetha ukuba umntu uyakuthatha umlinganiselo ofanelekileyo rhoqo ngexesha elifanelekileyo elibekelwe eso sigulane.Inokubangela iziphumo ezingalindelekanga, kodwa siyakwazi ukumelananazo. Kukho imbono ezininzi ezingalunganga malunga ne morphine, phakathi kogqirha kunye nabantu. Okungakwazi kunokuthetha ukuba abantu basokola ngaphezukunokuba bedinga.

Nazi Iintsomi okanye Iimbono ezingalunganga malunga ne morphinekunye nenyani:

Intsomi (Imbono engeyonyani): Ukuthatha morphine kuthetha ukuba sele uzakufa.
Inyani: Ngelixa abanye abantu abathathamorphine begula kakhulu,abanye abayisebenzisayo baphililekwaye bayakwazi ukwenza imisebenzi yabo yemihla ngemihla, kuba intlungu zabo nezinye impawu zilawulekile kakuhle.

Intsomi (Imbono engeyonyani): I-Morphine ikwenza usweleke ngokukhawuleza.
Inyani: Xa ithathwa rhoqo ngomlinganiselo ochanekileyo nange xesha elibekiweyo lesigulane, abukho obungqina boku. I-Morphine yenzelwe ukunceda ngentlungu, hayi ukwenza izinto zibembi ngakumbi.

Intsomi (Imbono engeyonyani): I-Morphine ikwenzaulale okanye ubhideke.
Inyani: Isenokubanjalo ekuqaleni kodwa oko kuqhele ukuhamba emva kwentsuku ezintathu (3) ukuya kwezisixhenxe (7)xa ithathwa rhoqonjengoko kumiselweyo. Ukuba akunjalo, kunokubakho esinye isizathu, njengesigulo sakho, onokuthi ungathetha neqela lezempilomalunga noko.

Intsomi (Imbono engeyonyani): I-Morphine ikwenza ubelikhoboka layo okanye isenokukhobokisa.
Inyani: Xa isetyenziswa nokuchanekileyo njengoko uxelelwengugqirha, I-morphine ayikhobokisi.

Intsomi (Imbono engeyonyani): Ukuba uqalisa ukusebenzisa I- morphine, akusayiukwazi ukuyiyeka, kwaye ayizukusebenza ekuhambeni kwexesha.
Inyaniso: Ugqirha wakho unokutshintsha ukuba uthathe kangakanani njengoko intlungu zakho zintshintsha, ukuze uzive ungcono.

Intsomi (Imbono engeyonyani): I-Moprhine funeka isetyenziselwe intlungu ezimbi kakhulu kuphela.
Inyani: Kumanye amaxesha,nakwintlungu ezingekho mbi kangako, umlinganiselo omncinci we morphineunokunceda ukodlula amanyeamayeza.

Intsomi (Imbono engeyonyani): Ungayithatha I-morphine ngeloxesha uyidingangalo na ninina.
Inyani: Isebenza ngconoxa uyithatha rhoqo,emva kweyure ezine ukugcina intlunguzithomalele.

Intsomi (Imbono engeyonyani): Ukuba uziva ugula okanye urhawuzelelwa emva kokuthatha morphine,une-aleji.
Inyani: Kunqabile ukuba umntu abe ne-aleji kwi morphine. Ukugulaokanye ukurhawuzelela kungenzeka, kodwa oko akuthethiukuba une-aleji. Ukuzivaugula kwenzeka xa uqala usebenzisa morphine okokuqala. Oko kuye kupheleemva kwentsuku ezintathu (3) ukuya kwezi sixhenxe (7) ukuba uyithatha rhoqo nanjengoko ubuxelelwe. Amayeza okulwa nesicaphucaphu nawo ayakwazi ukuyimisa lemvakalelo ngezo ntsuku.

Intsomi (Imbono engeyonyani): Ukuqunjelwa sisisu ngenxa yokusebenzisa morphine kuthetha ukuba awukwazi ukuyisebenzisa.
Inyani: Ukuqunjelwa sisisu sisiphumo esiqhelekileyo xa usebenzisa I-morphine, kodwa ungakwazi usilawula ngamayeza afanelekileyo.

Intsomi (Imbono engeyonyani): I-morphine yonzakalisa intliziyo yakho.
Inyani: I-morphine ikhuselekile kumalungu akho omzimba,kuquka nentliziyo yakho.

Ukuba nolwazi oluthe vetshemalunga ne morphinekungakunceda wenze ukhetho olungcono malunga nesiqabu kwintlungu zakho kwaye uzive ukhululekile ukuthetha nogqirha wakho ngayo.

Scan for more resources